



Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

**NATIONAL
SENIOR CERTIFICATE**

IBANGA 12

SEPTEMBA 2018

**ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA – IPHEPHA 1
IMEMORANDAM**

AMANQAKU: 70

Le memorandam inamaphepha asi-9.

ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA**UMBUZO 1**

Qaphela oku kulandelayo xa umakisha uvavanyo lokuqonda:

- Eyona njongo yalo mbuzo kukuavanya ukuqonda, ngoko ke umvavanywa makanganyityelwa manqaku ngeempazamo zopelo nezolwimi ngaphandle kokuba iimpazamo ezo zithi zitshintshe intsingiselo (itsho impendulo ingabiyiyo echanekileyo).
- Xa umvavanywa esebezise amagama angengawo awesiXhosa ncakasana, ibe yona impendulo iyechanekileyo, makanikwe amanqaku apheleleyo ngempendulo yakhe.
- Kwimibuzo evulelekileyo, makunganiqwa manqaku ngo-EWE/HAYI, NDIYANGQINELANA/ANDINGQINELANI, YINYANI/BUBUXOKI/LULUVO. Amanqaku mawanikwe kujongwe ukuzixhasa kwakhe umvavanywa (makujongwe ukuzixhasa kwakhe/isizathu esibambekayo esibangela ukuba abhale ewe/hayi okanye yinyani/bubuxoki/luluvo, ndiyangqinelana/andingqinelani).
- Ukuba umvavanywa ubhale isivakalisi esipheleleyo endaweni yegama/ibinzana ebelilindelekile, makanyityelwe amanqaku xa engalirkwelelanga/engaliqaphulanga igama/ibinzana elo lilindelekileyo.
- Xa kulindeleke ukuba umvavanywa abhale amanqaku amabini/amathathu ze yena anike angaphezulu kwabelindelekile, makuhoywe la mabini/mathathu okuqala kuphela.
- Xa umvavanywa esebezise isiXhosa sengingqi makawanikwe amanqaku ukuba impendulo yechanekileyo.
- Xa kulindeleke ukuba umvavanywa akhethe impendulo echanekileyo kwazinikiweyo, makaphiwe amanqaku xa abhale unobumba nempendulo echanekileyo esecaleni konobumba/unobumba osecaleni kwempendulo echanekileyo.

ISICATSHULWA A

- 1.1 Kulokroti kuyalilwa. √ (1)
- 1.2 Kukubonisa ubungozi bobukhalipha obungathiwanga sa sa intwana yengqondo. √√ (2)
- 1.3 Kulinceda ukuzisindisa ekufeni √√/ kulinceda ukuba lisinde ekubethweni √√/ kulinceda ukuba lingonzakali. √√
- (Nayiphi na impendulo echanekileyo)** (2)
- 1.4 Buyakhula √√/ buyanda √√/ buyaphuhla. √√
- (Nayiphi na kwezi)** (2)
- 1.5 Ubugwala luloyiko umntu athi azalwe, akhule nalo, kanti uloyiko kukoyika izinto ezithile ezingenabungozi nolunokuthi lunyangwe ngokuqhelaniswa nezi zinto ubani azoyikayo. √√ (2)
- 1.6 Kukuphela kweenkomo emzini ngenxa yokuba kubhatalwa ngazo amagqirha. √√ (2)
- 1.7 Oku kwembeko, √ isifaniso. √ (2)
- 1.8 Nabantu ababhinqileyo/basetyhini bayakwazi ukububonakalisa ubukhalipha xa bekhusela iiintsana zabo √√/ nabantu ababhinqileyo/ basetyhini bayakwazi ukububonakalisa ubukhalipha xa besilwela amalungelo abo. √√
- (Nayiphi na impendulo echanekileyo)** (2)
- 1.9 Bubonakala ngokuthi inkwenkwe isoloko ibonwa ilila isiya kuxela mihla le. √ (1)
- 1.10 Uye akhathazeke umzali. √ (1)
- 1.11 C √√/ C bukhula ngamandla √√/ bukhula ngamandla. √√
- (Nayiphi na kwezi)** (2)
- 1.12 Ndingazilwela √√/ ndingamxela koontanga bakhe √√/ ndingamxela ebazalini. √√
- (Nayiphi na impendulo echanekileyo)** (2)
- 1.13 Ndiyavumelana, kuba igwala liyathanda ukuzigwagwisa. √√

OKANYE

Andivumelani, kuba igwala lihlala lilumkele into engekehli/ lihlala livundlile. √√ (2)

ISICATSHULWA B

- 1.14 Kukho intombazana ezigqume ubuso √√/ kukho intombazana ezifihla ubuso ngezandla √√/ kukho intombazana efihle ubuso kwakroba iliso elinye √√/ kukho intombazana enoloyiko. √√

(Nayiphi na kwezi)

(2)

- 1.15 Ibona into elisikizi √/ ibona isilwanyana esoyikayo √/ ibona into eyoyikekayo √/ ibona umntu emoyikayo. √

(Nayiphi na impendulo echanekileyo.)

(1)

- 1.16 Ngokuqhelaniswa nale nto iyoyikayo √√/ ngokusuka kule ndawo inale meko iyoyikayo. √√

(Nayiphi na kwezi)

(2)

- 1.17 Sisicatshulwa A, kuba sivelelwa kabanzi ngobugwala noloyiko sitsho sicacelwe. √√

OKANYE

Sisicatshulwa B, kuba sitsho sibe nomfanekiso womntu owoyikayo. √√

(Nayiphi na kwezi)

(2)

AMANQAKU ECANDELO A: **30**

ICANDELO B: ISISHWANKATHELO**UMBUZO 2****UKUMAKISHWA KWESISHWANKATHELO**

- **Amanqaku abiwa ngolu hlobo lulandelayo:**
 - Amanqaku asi-7 ngeengongoma ezisi-7. (Ingongoma nganye linqaku)
 - Amanqaku ama-3 olwimi
 - Amanqaku ewonke: 10
- **Ulwabiwo Iwamanqaku olwimi xa abalingwa besebenzise amazwi abo:**
 - 1–3 iingongoma ezichanekileyo: Nika inqaku eli-1
 - 4–5 iingongoma ezichanekileyo: Nika amanqaku ama-2
 - 6–7 iingongoma ezichanekileyo: Nika amanqaku ama-3
- **Ulwabiwo Iwamanqaku olwimi xa umlingwa ecaphule njengoko kubhaliwe kwisicatshulwa:**
 - 6–7 iingongoma ezicatshulweyo ngqo: 0 amanqaku olwimi (Akanikwa nqaku lolwimi umfundu)
 - 1–5 iingongoma ezicatshulweyo ngqo: nika inqaku eli-1 lolwimi

QAPHELA

- **Imo**
 - Nokuba isishwankathelo sibhalwe ngemo engachanekanga, masiphononongwe.
- **Ubalo-magama**
 - Abakorekishi kulindeleke ukuba baliqinisekise inani lamagama asetyenzisiweyo.
 - Musa ukuthabatha amanqaku ukuba umlingwa akalibonakalisanga inani lamagama asetyenzisiweyo okanye ukuba inani lamagama libonakaliswe ngokungachanekanga.
 - Ukuba udlule kwinani eliqingqiweyo, funda de uye kusiggiba isivakalisi eso, ze ungakuhoyi okulandelayo.
 - Izishwankathelo ezibhalwe zazifutshane kodwa zinazo zonke iingongoma ezifunekayo okanye ezilindelekileyo mazinganyityelwa manqaku.

UMFUNDI ANGACANGCATHA KWEZI NGONGOMA

UCAPHULO		IINGONGOMA	
1.	Umntu endalweni yakhe uyunikiwe le ndawo yokoyika okanye uvalo.	1.	Kwasekudalweni kwakhe umntu udalwe ukuba abe nako ukoyika okanye abe nalo uvalo. ✓
2.	Ukoyika kuyathanda ukuphazanyiswa nobugwala.	2.	Ixesha elininzi abantu bacinga ukuba ukoyika kuyafana nobugwala, kanti akunjalo. ✓
3.	Ubugwala bona abudibene nokoyika kuba umntu oligwala ngumntu owaziwa njengodalwe wanentaka.	3.	Ubugwala abufani nokoyika kuba igwala lona livela kwasekuzalweni liligwala, landule ukukhulela kubo. ✓
4.	Abanye abantu boyika izigulo ezithile, ukugula ngezifo ezinjengoGawulayo nokugula ngengqondo.	4.	Kukho uloyiko Iwezifo ezithile ezifana noGawulayo kune nempambano. ✓
5.	Kuninzi nje okoyikwayo ngumntu, omnye umntu oyike ukuboleka imali.	5.	Kwendele ukoyika emhlabeni de abantu boyike nokuboleka imali. ✓
6.	Kuyacaca izinto ezoyikwa ngumntu zininzi, kodwa kuyafuneka abantu bazame ukuhlala bezilindele ezi zinto kuba siyaphila nazo.	6.	Kufumaniseka ukuba zininzi izinto ezoyikwayo ngabantu kodwa kubalulekile ukuba ziqhelwe. ✓
7.	Kulungile ukuba ikhe ibekho into eyoyikwayo ngamanye amaxesha.	7.	Kwamkelekile ukuba ibekho into umntu ayoyikayo ebomini bakhe ngelinye ixesha. ✓

UKUBHALA NGOKOMHLATHI

Kwasekudalweni kwakhe umntu udalwe ukuba abe nako ukoyika okanye abe nalo uvalo. Ixesha elininzi abantu bacinga ukuba ukoyika kuyafana nobugwala, kanti akunjalo. Ubugwala abufani nokoyika kuba igwala lona livela kwasekuzalweni liligwala, landule ukukhulela kubo. Kukho uloyiko Iwezifo ezithile ezifana noGawulayo kune nempambano. Kwendele ukoyika emhlabeni de abantu boyike nokuboleka imali. Kufumaniseka ukuba zininzi izinto ezoyikwayo ngabantu kodwa kubalulekile ukuba ziqhelwe. Kwamkelekile ukuba ibekho into umntu ayoyikayo ebomini bakhe ngelinye ixesha.

(70)

AMANQAKU ECANDELO B: 10

ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI

UKUMAKISHA ICANDELO C

- Upelo
 - limpendulo eziligama elinye mazimakishwe njengezichanekileyo nokuba upelo aluchanekanga, ngaphandle kokuba isiphene silahla intsingiselo efunwayo yegama.
 - Kwiimpendulo ezizivakalisi ezipheleleyo, upelo olungachanekanga luya kohlwayelwa xa isiphene sikhoso sakhi solwimi sivavanywayo.
 - Xa kuvavanywa izifinyezi, impendulo mayifikwe iziphumlisi ngokuchanekileyo.
 - Ulwakhiwo lwezivakalisi kufuneka luchaneke ngokwemigaqo yolwimi kwaye lusetyenziswe kwizivakalisi ezipheleleyo njengoko umbuzo uyalela.
 - Ngokubhekiselele kwimibuzo ekhethisa impendulo echanekileyo, yamkela ZOMBINI, unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo KUNYE/OKANYE impendulo ebhalwe ngokupheleleyo.

UMBUZO 3: UKUCAZULULA INTENGISO

- 3.1 Kumntu wonke √/ kubantu abafuna ukuzikhusela √/ kubantu abangamagwala. √
(Nayiphi na kwezi) (1)
- 3.2 Ligama lale ntengiso √/ ligama lesi sikolo. √
(Nayiphi na kwezi) (1)
- 3.3 Sinika intsingiselo yokuzenza. √ (1)
- 3.4 Ukutsala abantu √√/Ukutsala umdla wabantu abathanda izinto zafelefefe √√/Ukujija ingqondo. √√
(Nayiphi na kwezi) (2)
- 3.5 Kukubonisa ukuba apha akucalucalulwa ngokwesini √√/ kukubonisa ukuba wonke umntu kufuneka abe nako ukuzikhusela. √√
(Nayiphi na kwezi) (2)
- 3.6 C √/ C kwinqanaba eliphakamileyo √/ kwinqanaba eliphakamileyo.√
(Nayiphi na kwezi) (1)
- 3.7 Kulo mfanekiso kuvezwe abantwana ababonakala behkaliphile itsho loo nto ibonakalise ukuba ngenene kwaMaqhawe akukho gwala. √√
(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)
[10]

UMBUZO 4: UKUCAZULULA IKHATHUNI

4.1 Bakwindawo yokutyela √/ baserestyu. √

(Nayiphi na kwezi) (1)

4.2 Baphethe iimenu √√/ kuthethwa ngokutya √√/ kukho izitulo netafile √√/ kukho umntu othatha i-odolo yokutya. √√

(Nayiphi na kwezi) (2)

4.3 Linika intsingiselo yokuba sele ephendule unkosikazi. √√

(2)

4.4 Sandulela isibizo √/ siphambi kwesibizo √/ Sikhokela isibizo. √

(Nayiphi na kwezi) (1)

4.5 Kulungile, kuba oko kuncedisana nempilo yomyeni wakhe. √√

OKANYE

Akulunganga, kuba umntu kufanele atye into ayithandayo. √√

(Nayiphi na kwezi) (2)

4.6 Kukubonakalisa ukuba kufanele siykhathalele impilo yethu √√/ kukubonakalisa ukuba amaxesha amaninzi ootata bathatyathelwa izigqibo ngoomama. √√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)

[10]

UMBUZO 5: UKUSETYENZISWA KOLWIMI NGOKUCHANEKILEYO

5.1 Isivumelanisi sentloko. √ (1)

5.2 Isikhwebu sombona ophekiwego silula ukuchubeka kunesombona owojiwego. √

(Nasiphi na isivakalisi esichanekileyo) (1)

5.3 Umbhali uthe isilwanyana ke bayasazi xa sivukwe bubulwanyana baso. √ (1)

5.4 AbakwaLizwi bathi bona ngamampunge yonke into. √ (1)

5.5 Umntu lo wenziwe ngokomfuziselo wengelosi. √ (1)

5.6 Yokuxhaphaka kwenkohlakalo nezenzo ezigwenxa ebantwini √√/ yokongama kobugebenga ebantwini. √√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)

5.7 Libonakalisa into enokwenzeka okanye ingenzeki √/ libonakalisa ukungaqiniseki. √

(Nayiphi na kwezi) (1)

5.8 Kumakhaya amaninzi akulawuli nduku, mpama, nqindi namkhono wekati. √√ (2)

[10]

AMANQAKU ECANDELO C: 30

AMANQAKU EWONKE EPHEPHA: 70

